



Edition 18  
isiXhosa, English

## Using the Nal'ibali supplements at your club

Reading clubs across South Africa are sharing with us how they are using the Nal'ibali supplements. Clubs use them in different ways depending on their own book supply and the other resources they have, as well as the age range of the children. Here are some ideas you might like to try:

- **Make resources to use again** Take the mini-book pages (pages 3 – 6) out of the supplement and on your own or with the children make these into books for the club. Use the longer 'Story corner' stories (on page 8) to create story cards by pasting them onto pieces of card and covering them with plastic.
- **Support biliteracy** Both you and the children can have fun learning to read in two languages by reading the mini-books first in your most familiar language and then in the other one.
- **Store stories** Find something in which to store your supplement books and story cards – like a shoe-box – and then keep them in a special place at the club, so that the children know where to find them if they want to read or borrow them.



- **Take them home** Create a lending library for reading club members so that they can borrow the books and story cards to read at home with family members. Also, how about sharing information with the children's parents and other caregivers by sending home page 1 of the supplement for them to read?
  - **Read to a group** Choose one of the mini-books from the supplement to use in a read-aloud session. Let the children follow in their own copies as you read to them. Then try some of the 'Get story active' activity ideas – they extend and deepen the children's understanding of the story.
  - **Read alone and in pairs** Let the children choose which book or story card they would like to read with a volunteer or partner. Invite older children to also read on their own or to younger children.
    - **Tell stories** Become familiar with the 'Story corner' stories and then use these stories for storytelling.
    - **Spread the word** Children can make their own little libraries at home by collecting the supplement stories. Older children might like to start small book clubs of their own by inviting other children to come to their homes to share the supplement stories.

## Ukusebenzisa ihlelo likaNal'ibali kwiqela elifundayo lakho

Amaqela afundayo kuMzantsi Afrika ngokubanzi abelana nathi ngeendlela asebenzisa ngazo amahlelo kaNal'ibali. Amaqela azisebenzisa ngeendlela ezahlukileyo ezi zixhobo ngokulawulwa yinkxaso yawo yeencwadi kwanabanye oovimba abakhoyo, kuquka nobudala babantwana abasebenza ngabo. Nazi ezinye iingcebiso onokuzizama:

- **Yenza oovimba abaza kuphinda basetyenziswe** Khupha amaphetshana encwadana encincane (amaphepha 3 – 6) kwihlelo ukuze uwedwa okanye unabantwana bakho niwenzwe ukuba abe ziincwadi zeqela. Sebenzisa amabali amadana kwicandelo 'leNdawo yamabali' (kwiphepha lesi-8) ukuze uyile amakhadi ebali ngokuthi uwancamathisele kwiziqwentshana zamakhadi uze uwaqakumbe ngeplastiki.
- **Xhasa ilitherasi entlandu-mbini** Wena kunye nabantwana bakho ningakonwabela ukuzisa isakhono sokufunda kwilwimi ezimbini ngokuthi nifunde iincwadana ngolwimi oluqhelekileyo kuni kuqala, nize emva koko nifunde nangolwimi ulwimi.
- **Gcina amabali** Fumana into onokugcina kuyo iincwadi zehlelo kunye namakhadi amabali – njengebhokisi yezihlangu – uze emva koko uwagcine kwindawo ekhethekileyo yeqela elifundayo, ukuze abantwana bayazi indawo abangawafumana kuyo xa befuna ukuwafunda okanye ukuwabileka.


- **Wathathe ugoduke nawo** Yilela amalungu eqela elifundayo ithala elibolekisa ngeencwadi ukuze akwazi ukuboleka incwadi namakhadi amabali ze bafunde ekhaya namalungu osapho. Kanti ke, kunganjani ukwabelana nabazali kunye nabanye abagcini-bantwana ngolwazi ngokuthi ubathumelele iphepha loku-1 lehlelo ukuze balifunde?
- **Fundela iqela** Khetha enye yeencwadana zehlelo uze uyisebenzise kwindibano yokufunda ngokuvakalayo. Bavumele abantwana ukuba balandele emva kwakho bejonge kwezabo iikopi ngeli lixa ubafundayo. Emva koko ungazama ezinye zeengcebiso ezikwimiseyenzana 'kaYenza ibali linike umdla' – ngcebiso ezo zandisa zize zimilisele ingqiqo yebali ebantwaneni.
- **Zifundele wedwa okanye ningababini** Bavumele abantwana bakhetha ibali okanye amakhadi amabali abangathanda ukuwafunda bekunye nevolontiya okanye oogxa babo. Memba naba badala abantwana ukuba bazifundele ngokunokwabo okanye bafundele abo baselula.
- **Balisa amabali** Ziqhelanise namabali 'eNdawo yamabali' ukuze uwasebenzise kokwakho ukubalisa amabali.
- **Sasaza ezi mbono** Abantwana bangazenzela amathalana abo eencwadi emakhaya ngokuthi baqokelele amabali amahlelo kaNal'ibali. Aba badalana abantwana banganomdla wokusungula amaqela afundayo abo ngokuthi bameme abanye abantwana beze kumakhaya abo ukuze babelane ngamabali amahlelo.



Drive your  
imagination

Help your child be a somebody.  
It starts with a story...

Nceda umntwana wakho abe  
lulutho. Konke kuqala ngebali...





Drive your imagination



## Celebrate our children

National Children's Day is celebrated on the first Saturday of November every year to remind us about the rights of children. All children have the right to education and an important part of this is learning to read and write. So this year on 3 November, help the children in your life remember the role that stories play in their lives and how special they are by letting them create their own Na'ibali picture frame!



1. Cut along the red dotted lines on the frame below.
2. Paste the frame onto a sheet of paper or thin cardboard.
3. Cut carefully along the black dotted lines.
4. Draw a picture (or take a photo) of you and a friend reading together.
5. Paste the picture onto the back of the frame.
6. Display your picture where lots of people will see it! Share it with us and stand a chance of winning a storybook hamper! Email your picture to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) or post them on our Facebook page: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA) by 19 November 2012.

## Masibabhiyozele abantwana bethu

USuku lukaZwelonke lwaBantwana lubhiyozelelwa kuMgqibelo wokuqala kuNovemba minyaka le ukuze sizikhumbuze ngamalungelo abantwana. Bonke abantwana banelungelo lokuzuzisa imfundo kwaye eyona nto ibalulekileyo koku kukufumana ulwazi lokufunda nokubhala. Ngako oko ke, ngomhla wesi-3 kuNovemba, nceda abantwana abasebomini bakho ukuba bakhumbule indima edlalwa ngamabali kubomi babo, kwaye ubenze bazive bekhethekile ngokuthi ubavumele baziyilele isakhelo sabo somfanekiso kaNa'ibali!


1. Sika phezu kwale migca ingamachokoza abomvu kwesi sakhelo singezantsi.
2. Ncamathelisa isakhelo ephetshaneni okanye kwikhadibhodi elicwecwe.
3. Sika ngobunono kwimigca engamachokoza amnyama.
4. Zoba umfanekiso (okanye uthathe ifoto) eveze wena nomhlobo wakho nifunda kunye.
5. Umfanekiso lowo wuncamathelise ngasemva kwisakhelo.
6. Wubeke umfanekiso wakho, ubonise ngawo kwindawo onokubonwa kuyo ngabantu abaninzi! Yabelana nathi ngawo ukuze ubesethubeni lokuphumelela ibhaso lencwadi yamabali! Thumela umfanekiso wakho nge-imeyile kule dilesi: [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye uwuposele kuFacebook wethu kule dilesi: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA) ungalulanga umhla we-19 kuNovemba ka-2012.

It starts with a story...  
Ewe, kuqala ngebali...  
Yebo, kuqala ngendaba exoxwayo.

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## Get story active!

After you and your children have read *Dorothy's visit* you might want to try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Look at the pictures again. Choose some of them to focus on and, with your children, talk about how Farida feels about meeting Dorothy for the first time. Invite them to share how they might feel about meeting a child they do not know.
- In the story, Farida thinks Dorothy must be an elephant. Encourage your children to suggest why she thinks this.

### If you have 30 minutes...

- Let your children write and illustrate a new rhyme like Farida's by adding their own words in the spaces!

*I have a friend*

His/her name is \_\_\_\_\_

He/she loves \_\_\_\_\_

And \_\_\_\_\_.

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde *Utyelelo lukaDorothy*, ningathanda ukuzama ezinye zezi ngecebiso.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Qwalaselani imifanekiso kwakhona. Khetha eminye onokugxila kuyo, uze wena nabantwana bakho, nincokole ngendlela avakalelwa ngayo uFarida ngokudibana noDorothy okokuqala. Bacele ukuba babelane ngendlela abanokuvakalelwa ngayo xa bathe badibana nomntwana abangamaziyo.
- Kweli bali, uFarida ucinga ukuba uDorothy yindlovu. Bakhuthaze abantwana bakho ukuba bachaze ukuba kutheni uFarida ecinga ngolu hlobo nje.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Bavumele abantwana bakho ukuba babhale baze benze nemizobo ngevesi entsha efana nale kaFarida ngokuthi bongeze awabo amagama ezithubeni!

*Ndinomhlobo*

Igama lakhe ngu \_\_\_\_\_

Uthanda \_\_\_\_\_

Kwaye \_\_\_\_\_.

## Story stars

### Changing worlds with words

**Nal'ibali partner, The Shine Centre, is a literacy organisation based in the Western Cape that is changing young children's worlds, a few words at a time. It is passionate about encouraging a love of reading in young children.**

Shine focuses on helping children in Grades 2 and 3 develop important literacy skills through a fun programme run by trained volunteers. The programme offers children individual attention for an hour each week. During this time they do four different types of activities:

- Shared reading (where the child chooses a book that interests him or her and reads it with the volunteer)
- Paired reading (where the volunteer chooses a book that is at the correct level for the child's developing skills)
- Have-a-go writing (where the focus is on using whatever writing skills the child has)
- Wordplay (which focuses on listening, sounding out and writing words and sentences).




The Shine Centre

Encouraging and praising children is very important to Shine so volunteers use 'praise notes'. 'We all love to be recognised for a job well done or for trying our best,' says Kerry White. 'At the end of each session, the volunteer writes a simple praise sentence that is meaningful to the child... For example, "You remembered to use the pictures to work out what the words on the page say, Siphso. You are such a star!" Parents and caregivers can easily use praise notes at home too!'

To read more about the work of The Shine Centre and about other Story Stars, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Ukuze ufunde banzi ngomsebenzi weziko iThe Shine Centre kunye nangezinye iimbilasane zaMabali, ndwendwela kule dilesi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



## Iimbilasane zamabali

### Ukuguqula ubomi babantwana ngamagama

**Iziko elisebenzisana neNal'ibali elibizwa ngokuba yiShine Centre, ngumbutho welitherasi ozinze kwiNtshona yeKapa, kwaye utshintsha ubomi babantwana abancinci ngamaganyana nje ambalwa ngexesha. Lo mbutho uzinikezele ekukhuthazeni uthando lokufunda kubantwanana abancinci.**

IShine igxile ekuncedeni abantwana abakwiBanga lesi-2 nelesi-3 ukuze

baphuhlise izakhono zeliitherasi ezibalulekileyo ngokusebenzisa inkqubo yolonwabo elawulwa ngamavolontiya aqeqeshiweyo. Le nkqubo inika umntwana ngamnye ithuba lokufundiswa eyedwa kangangeyure enye ngeveki nganye. Ngeli xesha benza iintlobo ezine ezahlukileyo zemisetyenzana:

- Ukwabelana ngokufunda (apho umntwana akhetha incwadi anomdla kuyo aze ayifunde nevolontiya)
- Ukufunda ngababini (apho ivolontiya likhetha incwadi ekumgangatho ochanekileyo wokukhula kwezakhono zomntwana)
- Ukuzama ukubhala (apho kugxininiswa ekusetyenzisweni naziphi na izakhono zokubhala anazo umntwana)

- Umdlalo wamagama (apho kugxininiswa ekumameleni, ekuphimiseleni izandi okanye ekuvakaliseni ngokomlomo nasekubhaleni amagama kunye nezivakalisi).

Ukukhuthaza nokuncoma abantwana yinto ebaluleke kakhulu kwiShine kangangokuba amavolontiya asebenzisa 'amanqakwana okuncoma'. 'Sonke siyakuthanda ukuqatshelwa xa senze umsebenzi ogqibeleleyo nangokuzama kangangoko sinako,' utshilo uKerry White. 'Ekupheleni kwendibano nganye, ivolontiya libhala phantsi isivakalisi esilula sokuncoma nesinentsingiselo kumntwana lowo... Umzekelo, "Uye wakhumbula ukusebenzisa imifanekiso ukuze uphuhlise intsingiselo efumaneka kumagama asephapheni Siphso. Ugqwesile ngenene!" Abazali kunye nabagcini-bantwana nabo banakho ukuwasebenzisa lula nje amanqakwana ezincomo emakhaya!'

## Story corner

Here is a story for you to read-aloud or tell. It is about a duckling who looks very different from other ducklings and who feels unloved and unwanted.

### The ugly duckling (Part 1) Retold by Sindiwe Magona

Once upon a time there was a duckling who lived on a wide open vlei with his family. He was a sad little duck because nobody seemed to like him, not even his own brothers and sisters.

'Ugly duckling! That is what everybody calls me. Nobody loves me!' he sobbed.

'That's not true, darling! Mama loves you!' said Mama Duck. She smiled at her last-hatched chick. He was a strange little fellow but still she loved him with all her heart.

The other birds on the wide open vlei teased the ugly duckling. 'You're not fluffy and yellow like your brothers and sisters,' whispered the spiteful blue crane. 'You're bigger than the rest,' laughed the haughty black coot. 'You're ugly!' they all said together.

No one ever cuddled the ugly duckling and he felt very lonely. But when he ate, he forgot that he was lonely. So he ate and ate and ate. And he grew bigger and bigger and bigger.

One day the ugly duckling felt so miserable that a single tear fell from one eye. Trying to stop more tears from falling, he looked down. Then, he saw his reflection. He gasped! Everyone was right. *He really was ugly!*


The ugly duckling ran away. He wanted to go far, far away. Then nobody would know that he was the ugliest duckling on earth. He saw a flock of big, white birds with long, gracious necks and wide, wide wings. They were beautiful swans. Winter was coming and they were flying off to the summer sunshine and blue skies over the sea. 'Oh, how magnificent they are,' thought the ugly duckling as he wandered off far from home. 'I wish I was beautiful like them.'

After many days of seeing no-one, he met a flock of fierce hadedas. He was a bit scared of them, but wanted some advice. 'Do you know of any ducks with grey feathers like me?' he asked. But the huge birds just shouted, 'HAA-DEE-DAA! Go away!'

The little duckling walked on and on until his little webbed feet were worn to the bone. He collapsed in a heap.

**Will the ugly duckling ever be loved and accepted for who he is? Find out next week.**

Adapted from *The Ugly Duckling* and *UDadana Ombi*. Published by Jacana. © 2010



Illustrations by Natalie Hinrichsen  
Imifanekiso nguNatalie Hinrichsen



## Indawo yamabali

Nali ibali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise. Limalunga nodadana okhangeleka ohlukile kakhulu kwamanye amadadana, noziva engathandwa kwaye engafunwa.

### UDadana ombi (iSigaba 1) Libaliswe kwakhona nguSindiwe Magona

Kudala-dala kwakukho idadana elalihlala kwichibi elikhulu kunye nosapho lwalo. Lalilidadana elalisoloko lilusizi kuba kwakungekho mntu wayengathi uyalithanda, nditsho nkqu nabantakwabo noodadawabo.

'Dadana ombi! Batsho bonke abantu xa bendibiza. Akukho namnye ondithandayo!' wakhala uDadana.

'Akunjalo, sithandwa! Umama uyakuthanda!' utshilo umam'uDada. Wancumela intshontsho lakhe elaqanduselwa mva. Wayelidadana apha elincinci elingaqhelekanga kodwa nangona kunjalo, wayelithanda ngentliziyo yakhe yonke.

Ezinye iintaka kwelo chibi likhulu zazihlala ziligezela idadana elibi. 'Iintsiba zakho azikho mfumamfuma kwaye azikho tyheli njengezabantakwenu,' yasebeza ngelitshoyo indwe enolunya. 'Umkhulu kunabanye,' wahlekisa watsho unonkqayi. 'Umbi!' batsho bonke ngaxeshanye.

Kwakungafane kubekho namnye oliwolayo, alange idadana elibi, nto leyo yalenza ukuba lizive linesithukuthezi kakhulu. Kodwa xa lithe latya, lalilibala tu ngokuba nesithukuthezi. Lalisitya, litye, litye okokoko. Laye lakhula laba likhulu ngokubalikhulu.

Ngenye imini idadana elibi laziva lingonwabanga kangangokuba kwehla inyembezi enye iphuma kwelinye iliso lalo. Wazama ukunqanda ukuqukuqela kweenyembezi ngokuthi ajonge phantsi. Kulapho wabona umfanekiso wakhe. Wothuka! Wonke ubani wayenyanisile. Wayembi ngenene!

UDadana ombi wabaleka waya kude. Wayefuna ukuya kuzifihla kude, kude lee. Wayefuna ukuya apho kwakungekho bani unokwazi ukuba wayelelona dadana libi emhlabeni. Waye wabona umhlambi weentaka ezinkulu ezimhlophe, ezazineentamo ezinde ezindilisekileyo kunye neempiko ezinkulu ezivulekileyo. Yayingoontamonde bamadada amahle. Ubusika babusondele ngoko ke zazifudukela apho zazinokufumana khona ilanga lehlobo nesibhakabhaka esityhilekileyo phezu kolwandle. 'Owu, ukubantle kwazo,' licinga lenjenjalo idadana elibi ngeli lixa lisiya lisimka ngokumka kwikhaya lalo. 'Akwaba bendimhle njengazo.'

Emva kweentsuku ezininzi idadana lingaboni bani, labona umhlambi owoyikekayo wamang'ang'ane. Lalinalo uvalo oluncinci lwalo mhlambi, kodwa lifuna ukuba ezi ntaka zilicebise. 'Ingaba akhona amanye amadada eniwaziyo aneentsiba ezingwevu njengam?' labuza. Kodwa iintaka ezinkulu zasuke zakhwaza zathi, 'NG'A-NG'A- NG'A-NG'AA! Hamb' uhambe!'

Usizana lwedadana lwahamba, lwahamba zade iinyawana zalo ezinenwebu phakathi kweenzwane zakrazuka kwavela amathambo. Lawa isiqaa phantsi esidulwini kukudinwa.

**Ingaba idadana elibi lingaze lithandwe kwaye lamkelwe ngokohlobo elidalwe lalilo? Fumana impendulo kwiveki ezayo.**

### In your next Nal'ibali supplement:

- Getting your children hooked on books
- Story stars: find out about a storyteller and reading club volunteer who is hooked on books
- Mini-book, *Scary footsteps*
- The final part of the read-aloud story, *The ugly duckling*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Find us on Twitter: @nalibaliSA  
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA



### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ukukhuthaza abantwana bangohlukani neencwadi
- Iimbilasane zamabali: funda banzi ngombalisi-mabali kunye nevolontiya leqela elifundayo elingohlukaniyo neencwadi
- Incwadana encinane, *Izingqi ezoyikekayo*
- Ingxenye yokugqibela yebali elifundwa ngokuvakalayo, *UDadana ombi*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali? Ndwendwela kule webhusayithi- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane nakuFacebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)





*Dorothy's visit* is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. All the readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Cambridge University Press  
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)

 **CAMBRIDGE**  
UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)




INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



CAMBRIDGE

# Dorothy's visit Utyelelo lukaDorothy



Sally Ward

Marjorie van Heerden



One day the postman brought Farida a postcard from Uncle Tamu. Uncle Tamu was a game ranger who lived on a Game Reserve.



Ngenye imini unoposi waphathela uFarida ipowusti-khadi. Yayivela kuMalume uTamu. UMalume uTamu wayengumgcini-myezo. Wayehlala kuMzi woGcino-zilwanyana.

Dear Farida

I'm sending my friend Dorothy to visit you. She would like to see how you live in town. She loves bananas and likes milk and sugar in her tea. She arrives on Sunday. I'm sure you'll become good friends.

Uncle Tamu



Miss F. Patel  
28 Rose Street  
Lenasia  
1820

Farida endimthandayo Ndithumela umhlobo wam, uDorothy, ukuba eze kukutyelela. Ufuna ukubona ukuba uhlala njani na edolophini. Uthanda ukutya iibhanana. Ukwathanda ubisi neswekile etini yakhe. UDorothy uza kufika ngeCawe. Ndiqinisekile ukuba niya kuba ngabahlobo abakhulu. Malume uTamu



Nkoszn. F. Patel  
28 Rose Street  
Lenasia  
1820


Farida was very excited. She couldn't wait for Dorothy to arrive. She ran around the house singing a song.

"A visitor for me  
Her name is Dorothy  
She loves bananas  
And sugar in her tea!"



UFarida wayonwabe kakhulu. Wayengathi akade afike uDorothy. Wazula-zula ecula ingoma.

"Undwendwe lwam Igama lalo nguDorothy. Uthanda iibhanana Kwaneswekile etini yakhe!"





Sunday morning finally arrived. Farida woke up very early and put on her best dress. She made tea and put a big bowl of bananas on the table.

"What will Dorothy be like?" Farida wondered. She looked at the postcard again. There was a picture of an elephant on the front.

Yafika intsasa yangeCawe. UFarida wavuka kwakusasa kakhulu. Wanxiba eyona lokhwe yakhe ayithandayo. Waza wenza iti, wabeka isitya esikhulu seebhanana etafileni.

"Uza kuba njani uDorothy?" wacinga uFarida. Wayijonga kwakhona ipowustikhadi. Kwakukho umfanekiso wendlovu ngaphambili.





“Dorothy must be an elephant!” she thought.  
“What will we do?”

“Inokuba uDorothy yindlovu!” wacinga.  
“Siza kuthini?”




“We can play in the garden.”

“Siza kudlala esitiyeni.”



“And we can play hopscotch.  
Oh no, Dorothy will make holes in  
the pavement!”

“Size sidlale unochelu. Kodwa uDorothy  
uza kwenza izigingqi!”



“We can play hide-  
and-see.  
But there’ll be  
nowhere for Dorothy  
to hide!”

“Siza kudlala undize.  
Kodwa uDorothy akazi  
kubanayo  
indawo yokuzimela!”





“We’ll have tea and bananas. But Dorothy will eat all the bananas in one big gulp!”

“Siza kuphunga iti sitye neebhanana. Kodwa uDorothy uza kuzitya zonke iibhanana ngaxesha nye!”



“Dorothy could stay for the night. But she’ll flatten my bed and my pink blanket won’t cover her at all!”

“UDorothy angachitha ubusuku apha. Kodwa uza kuyibotyza ibhedi yam. Ingubo yam epinki ayizukumgquma tu!”



“Oh dear!  
A visitor for me  
Her name is  
Dorothy  
She can’t play  
hopscotch  
Or hide behind  
a tree.”

Just then the doorbell rang.  
Farida opened the door slowly.  
And there was Dorothy ...

“Owu nkosi! Udwendwe  
lwam, Igama lalo  
ngu Dorothy.  
Akanakukwazi  
ukudlala unochelu.  
Okanye azimele emva komthi.”


Kanye ngelo xesha, yakhala  
intsimbi yocango.  
UFarida walivula kancinci  
ucango. Nanko uDorothy ...



“Oh!” exclaimed Farida. “Welcome Dorothy.  
You’re not an elephant.”



“Owu!” wakhwaza uFarida. “Wamkelekile  
Dorothy. Awuyondlovu.”




“You’re just like me!”

“Uyafana nje nam!”



“I have a friend  
Her name is Dorothy  
She loves bananas  
And sugar in her tea!”



“Ndinomhlobo,  
Igama lakhe  
nguDorothy.  
Uthanda iibhanana  
Neswekile etini  
yakhe!”